higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

MARKING GUIDELINE

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
NQF LEVEL 3
(Iphepha lokuqala)

13 November 2023

Esi sixhobo sokuhlola sinamaphepha asi-9.
.

QAPHELA

- Le memorandam yenzelwe ukuba ibe sisikhokelo kubamakishi.
- Ayenzelwanga ukuba ibe ngummiselo ogqibeleleyo.
- Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
- Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona ngokwezigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso yokubeka umakisho emgangathweni.
- Imemorandam iya kuxoxwa phambi kokuba kuqalwe ukumakisha.

IMIYALELO KUBAMAKISHI

Umakisho lwesicatshulwa sokuqonda:

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku, ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.

2. Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.

3. **Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo** akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.

4. AKUNIKWA manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/ LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.

5. Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku ukuba ngaba igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.

6. Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.

7. Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.

8. Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleyo.

ICANDELO A: UKUFUNDA NOKUNIKA IIMBONO

UMBUZO 1: UVAVANYO LOKUQONDA

1.1 Kumenza umntu akwazi ukumelana namahla-ndinyuka obomi./Kuyamkhulisa umntu. (2)

1.2 Ngumntu omtsha osakhulayo.✓/kunye nomntu osele emdala okhule wagqiba.✓ (2)

1.3 Kukudla imbadu.✓/Kukujonga ukucela umngeni kumakhwenkwe enye ilali./✓Ukuxhobisa ngezinto ezibalulekileyo zobukhwenkwe.✓ (3)

1.4 Ukuchitha/Ukusasaza./Ukohlukanisa
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.5 Kufuneka umntu xa ehamba entlaleka entlitheka apha elizweni abe nazo izixhobo zokumelana neenkxwaleko kungenjalo uhlininika ade abe lilifa lentlekisa. (2)

1.6 Ngabantwana abahluthayo ngokwemvelaphi yabo.✓ Kuba abakhange badibane nentsokolo yendlala ebomini babo.✓
(Naziphi iimpendulo ezichanekileyo zamkelekile) (2)

1.7 C/C Kukufumana izinto ezibuhlungu ebomini./Kukufumana izinto ezibuhlungu ebomini. (2)

1.8 Hayi, kuba bebebonakala benganiki mbeko kubantu abadala, kananjalo bayonqena./Ewe, kuba benza abakuthandayo ngendlela yabo.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.9 Kuba aba bantwana bahlala imini yonke bebukele umabonakude nto leyo ebenze baphela besonqena bengafuni kwenza nto.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.10 Kukuphela kobutyebi.✓/Lugwayimbo oluqhutywa ngabasebenzi xa benqunyanyiswa emsebenzini.✓/Izinto ezazishiywe ngulo somashishini zaya zivuthuluka ngokuvuthuluka./Xa kuguzulwa umsebenzi omnye bebemgwayimbela bonke./Abantwana bangena elalini bezicelela into etyiwayo. (Nasiphi isibini kwezi mpendulo samkelekile) (2)

1.11 Akukho nkwali iphandel' enye ephandel'enye yenethole. (2)

1.12 Ndiyangqinelana kuba engazokukubona ukubaluleka koko akuxhotyiselwayo. / Andingqinelani kuba ngabona badinga ukuxhotyiswa.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.13 Yeyokuba kwakuba mnandi awuyilibali inzima osuka kuyo.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.14 Ukuba kuxinzelelo ngenxa yabahlobo.✓/Kukungena phantsi kweziyobisi.✓ (Nasiphi isibini esichanekileyo samkelekile) (2)

1.15 Ndingamxhobisa ngelithi makangawalibali amazwi abazali kuba bajonge lukhulu kuye. (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.16 Kukucacisa isenzi./Kukucacisa isenzeko sokuzimela. (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.17 Ngaphaya kwentaba yezilingo kukho umthombo okhupha unxano. (2)

1.18 Yinyani, kuba umntu uyakwazi ukumelana nazo naziphi na iinzima aqubisana nazo ebomini./Luluvo, kuba abukho ubungqina bophando obubonisa ubunyani boko. (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

1.19 Makuxhotyiswane ukuze abantu bakwazi ukumelana neenzima abahlangabezana nazo. (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (3)
[40]

AMANQAKU ECANDELO A: 40

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Ukumakisha isishwankathelo:

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Ulwabiwo- manqaku

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7
- Amanqaku ama-5 olwimi
- Amanqaku ama-3 esakhiwo
- Amanqaku ewonke: 15

QAPHELA:

Ubalo-magama

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachane-kanga. Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

Naziphi iingongoma ezisi-7 ezichanekileyo ziyimpendulo yombuzo.

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

- Imfundo ayikhulelwa, kuba kuvela izinto ezintsha mihla nemihla.
- Ulwazi lufana nendlu ekhangeleka iyeyebhongo, inento yonke abe umnikazi wayo engekoneli efuna ukuyiphucula ngalo lonke ixesha.
- Umntu uyakwazi ukuthi ngoku afundileyo, aphangelayo abe esanqwenela ukuziphucula ngakumbi.
- Imfundo ifuna umonde, inyameko ukuzinikezela, uzijule ijacu ngamandla.
- Abantu abaphumeleleyo ngabo banolangazelelo olumandla lolwazi.
- Abaxhamle kolu lwazi baziwa njengabantu abazisa ukhanyo elizweni liphela nakubantu jikelele.
- Inkalo kalwazi yendele,ingunaphakade, ayitshitshi, ihlala ihleli kwaye akukho bani wazi konke.

[15]

AMANQAKU ECANDELO B: 15

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

3.1 UKUHLALUTYA INTENGISO

3.1.1 Kubonakala isepha yeDettol.✓/Inenekazi.✓/Kubonakala uphawu lwedettol.✓/Kubonakala umlinganiselo wexesha./Kubonakala amagama abhalwe ngoonobumba abakhulu.
(Nasiphi isithathu kwezi samkelekile) (3)

3.1.2 Kuthengiswa isepha yedettol./Kuthengiswa isepha. (1)

3.1.3 Ufumana ukhuseleko lweeyure eziyi24.✓/Ulusu olusempilweni.✓/ Ulusu oluqaqambileyo.✓ (3)

3.1.4 Ijolise kumanenekazi./Kuye wonke ubani odinga ulusu olusempilweni, oluqaqambileyo nolumpuluswa./Kuye wonke ubani ofuna ukunuka kamnandi.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.1.5 Kukutsala umdla wabathengi ukuze bathabatheke ukuyithenga ngeenjongo zokuzuza oko bakudingayo.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.1.6 Ngumzi mveliso wakwaDettol. (1)

3.1.7 Kukwahlula lo mzi mveliso kweminye imizi mveliso yeesepha.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.1.8 Ewe, uyahambelana kuba eli nenekazi libonakala linesikhumba esisempilweni nesiqaqambileyo./Hayi, awuhambelani njengoko ulusu lubonakala luqaqanjiswe sisifoti esisetyenzisiweyo.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.1.9 Kukwenza abathengi bathabatheke yile mveliso nabo babe nengqondo yokucinga ukuba xa banokuyisebenzisa bangafana neli nenekazi ngobuhle. (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.1.10 Ewe ukuze ndifumane esi sikhumba siqaqambileyo./Ewe ndikwazi ukufumana ukhuseleko kwiintsholongwane kangangeeyure ezingama-24./Hayi andingekhe ndiyithenge kuba sibonakala siqhathwa nalo mfanekiso weli nenekazi ubonakala ungakhange ube nazingxaki zolusu./Hayi akukho bungqina bubonakalayo ukuba le sepha yenza lo msebenzi uxelwayo, kukuthengisa nje./Hayi andinamali. (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.2 UKUQONDA EMINYE IMIBA YEMIDIYA

3.2.1 Kubonakala utata egalelela umama iti okanye ikofu.✓/Kubonakala utata egalelela umama into ephungwayo.✓/Kubonakala utata egalelela umama into eselwayo./Kubonakala umama notata bencokola./Kubonakala umama notata behleli etafileni.
(Nasiphi isibini kwezi samkelekile) (2)

3.2.2 Bubudlelwane obunemvisiswano.✓ Ngokuba bancokola ngemiba yosapho.✓/Ubudlelwane obunothando. Ngokuba utata ubonakalisa uthando, ubunene nemvisiswano xa egalela uMama into ephungwayo.
(Naziphi iimpendulo ezichanekileyo zamkelekile) (2)

3.2.3 Ubethelela ingcinga yokuba akukho nto igwenxa apho, kunyanzelekile ukuba anxibe ihempe netayi kakade xa esiya esikolweni. (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.2.4 Kungokuba utata wothukile./Umangalisiwe koko akubonayo./ Ugqamisa ukuba ingxaki iza kubakhona njengoko engazokulinganwa ziimpahla zakhe.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.2.5 Ityhila ukumangaliseka./Ityhila ukungaxoli yindlela akhangeleka eyiyo kwezi mpahla zinkulu zikayise./Ityhila umothuko./Ityhila ukungayamkeli le nto ayibonayo.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.2.6 Kwisakhelo sokuqala ubonakala onwabile,✓✓ kanti kwisakhelo sesibini ubonakala eneentloni edakumbile.✓✓
(Naziphi iimpendulo ezichanekileyo zamkelekile) (4)

3.2.7 Idiza ukuba akonwabanga yindlela akhangeleka ngayo./ Akayithandi inkangeleko yakhe.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.2.8 Ewe ndiyavumelana, kuba uhlobo ezinkulu ngayo kuye ingathi uza kuvela abhabhe./Hayi andivumelani, kuba kule mihla sekunxitywa impahla ezinkulu. (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

3.2.9 Bendiza kunxiba ezam,✓ ndisuke ndihlawule oko ndihlawuliswa kona.√/ Bendiza kunxiba ezikatata✓ kuba ndisazi ayindim ndodwa oya kubonakala enxibe iimpahla ezinkulu.
(Naziphi iimpendulo ezichanekileyo zamkelekile) (2)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40

ICANDELO D: ISIHOBE

UMBUZO 4

ITHEMBA IV Mtamzeli

4.1 Isitanza ngasinye sakhiwe ngemiqolo emi-5. (2)

4.2 Umbongo ucwangcisiwe ngezitanza ezinemiqolo elinganayo.✓/Asikho isivula nesivala mbongo.✓/Ufuna ukufundwa ngemvakalozwi esezantsi.✓/ Uphindaphindo lwamagama ngakumbi ambhaxa aluxhaphakanga.✓
(Naziphi iimpawu ezine ezichanekileyo zamkelekile) (4)

4.3 Siphuhlisa ukuba uncumo alupheli njengamanzi omthombo.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

4.4 Uba novuyo.✓/Ugutyungelo yimincili.✓/Ubushushu bomzimba.✓/Ukuyola komphefumlo.✓/Umthombo woncumo./Igagu lamzuzwana.
(Nasiphi isine kwezi samkelekile) (4)

4.5 Pam,✓ oku kuphuhlisa isantya eliphela ngalo ithemba.✓/Fuku,✓ ubonisa isantya elikhula ngokukhawuleza ngalo ithemba.✓ (4)

4.6 Kongazaliseki, lon' alicimi noko.✓✓/Sekungacaci nto ukholo luhleli.✓✓/ Wazingisa noko kungatsits'into.✓✓ (Nasiphi isibini kwezi samkelekile) (4)

4.7 Ithi masingalahli ithemba nokuba akukho nto ibonakalayo.✓/Imbongi ithi ubani makaqine.✓/Umntu makabenesibindi./Umntu makazondelele./Umntu makangancami./Umntu makabenesineke nokholo.
(Nasiphi isibini esichanekileyo samkelekile) (2)

4.8 Musa ukulahla ithemba ukukhanya kungavela sekusekupheleni.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

4.9 Kumqolo we- 18 ivuselela izazela zabo balahla ithemba.✓ Kumqolo 19 ibonakalisa ukuba ithemba sisixhobo sokuzikhusela mhla kukubi.✓
(Naziphi iimpendulo ezichanekileyo zamkelekile) (2)

4.10 Ubomi bunzima (2)

4.11 Uzuza uloyiso.✓/Uxhobel' utyhafo.✓/Kuvela imizamo.✓/Lisus' ubugwala.✓/Lingumphumezi.✓ (5)

4.12 Umqolo 21 utyhila ukuba uzuza impumelelo ngethemba.✓/Umqolo 22 utyhila ukuba ngethemba uzuza amandla.✓/Umqolo 23 utyhila ukuba ithemba liyakhuthaza.✓ (Naziphi iimpendulo ezichanekileyo zamkelekile) (3)

4.13 Yeyokuba akukho nto ubani anokuphumelela kuyo engenalo ithemba.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (3)

4.14 Ngumbongo nkcazo.✓ Sichazelwa ngokubaluleka kwethemba.✓✓ (3)

4.15 Ndiyibona ibalulekile, kuba yenza izinto zibe lula isombulule neengxaki umntu anazo ebomini./Ndiyibona ingabalulekanga, kuba zikhona ezinye izinto ezinokuzisa impumelelo kuluntu ngaphandle kwethemba.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (3)
[45]

AMANQAKU ECANDELO D: 45

ICANDELO E: UNCWADI LWEMVELI

UMBUZO 5

5.1 Iintsomi ezingezilwanya zodwa.✓/Iintsomi ezingezilwanyana nabantu.√/ Iintsomi ezingabantu abanobugqi.✓/Iintsomi ezingeentaka zodwa√./Iintsomi ezisombulula isishiqi esithile endalweni.✓
(Naziphi iimpendulo ezintathu ezichanekileyo zamkelekile) (3)

5.2 Kukuthuthuzela.✓/Kukudiza okufihlwayo.✓/Kukulumkisa iinkosi nesizwe ngokubanzi./Kukubonga iinkosi.
(Naziphi iimpendulo ezimbini ezichanekileyo zamkelekile) (2)

5.3 Iqhalo lintsonkothile kwaye kunzima ukufumana intsingiselo yalo, loxa isaci kulula ukufumana intsingiselo yalo./Iqhalo awulijikajiki lifanele ixesha othetha ukulo, isaci siyajikajikwa sifanele ixesha othetha kulo./Inkoliso yezaci ziqala ngo uku, kanti akunjalo kwiqhalo.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile) (2)

5.4	5.4.1	B
	5.4.2	C
	5.4.3	A

(3 × 1) (3)
[10]

AMANQAKU ECANDELO E: 10
AMANQAKU EWONKE: 150